



**SUPREME COURT OF APPEAL OF SOUTH AFRICA
MEDIA SUMMARY – JUDGMENT DELIVERED IN THE SUPREME COURT OF
APPEAL**

FROM The Registrar, Supreme Court of Appeal

DATE 30 October 2020

STATUS Immediate

UMgijima emelene neNkulumbuso yePhondo leMpuma Koloni kunye nabanye (949/2018)
[2020] ZASCA 139 (30 kuCanzibe 2020)

Qaphela ukuba esisishwankathelo silungiselelwe ooNondaba asiyonxenye yesigqibo seNkundla ePhakamileyo yeziBheni.

Namhlanje iNkundla ePhakamileyo yeziBheni ichithe isiBheni kwisigqibo seSahlulo seNkundla ePhakamileyo eBhisho, esachitha isicelo sombheni esingobukhosi beBhunga leMveli kaZulu laseSheshegu eDikeni, kwiPhondo leMpuma Koloni esasingqina isigqibo seNkulumbuso yePhondo leMpuma Koloni, sibhengeza ukuba umphenduli wesine, uMnu Xabiso Zulu, unebango lobundlalifa ebukhosini kwaye simamkela njengenkosi yeBhunga leMveli kaZulu, satsho sichitha ibango lombheni kobobukhosi.

Umbheni wacela ngokoMthetho Sikhokelo wobuNkokheli beMveli noLawulo 4 ka2005 imiyalelo eyile:(a) ukuphononongwa nokuchithwa kwesosigqibo seNkulumbuso; (b) ukuphononongwa nokuchithwa kwesigqibo seKomiti yePhondo leMpuma Koloni yeKomishoni yamaBango ngobuNkokheli beMveli esihlalo wayo ingumphenduli wesithathu, uGqirha Nokuzola Mdende, apho kwandululwa ukuba lichithwe ibango lombheni kubukhosi obu; kunye (c) nesibhengezo sokuba umbheni avunywe njengenkosi yeBhunga leMveli kaZulu laseSheshegu.

LeNkundla ifumanise ukuba umbheni akabonisanga mhlaba wakuphonononga ngokoMthetho wokuKhuthaza ubuLungisa kuLawulo wesi3 ka2000 satsho isibheni sachithwa.